



Nalibali

It starts with a story...

Bring stories home for the holidays

Can you believe that it is nearly the end of 2014? That means that it is almost time for the end-of-year holidays – time to relax a little as we enjoy being with family and friends, and more time to spend with stories and books!

If you are spending money on entertainment and gifts for your children this holiday season, don't forget to include a book or two. Let your children help to choose which books you buy, by spending the morning in a bookshop together. Ask your children to find and make a list of the five books they would most want to own. Buy at least one book from this list when you go Christmas shopping for your children, or when you want to buy something to keep them busy during the holidays. You'll encourage them to read and give them hours of pleasure at the same time!

Here are some other ideas to keep stories and reading happening during the holidays.

- **Write the words.** Wordless picture books tell a story by using only illustrations. They are a wonderful resource for encouraging the writer in us! Borrow a wordless picture book from the library or find an old favourite at home. Give every family member a piece of paper and let them write the words for the story to go with each picture. Then have fun reading each of your stories and noticing in what ways they are the same and different!
- **Have a reading adventure.** Follow the instructions on page 7 to create a holiday reading passport for your child that encourages new adventures into reading and stories.

- **Try something new.** Set aside one week during the holidays where you all read something you would not usually choose to read. Maybe this means reading a book of poems, or the biography of an interesting person, or an information book on a topic you know nothing about. Or, maybe it means that you try out a new author. Either way, this is your chance to get hooked on something new!
- **Listen to stories.** Why not experience stories in a different way by listening to them? Listen to Nalibali's selection of stories on the radio at the times advertised on page 2, or download them from www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

Wazise ekhaya amabali kwezi holide

Ungakholwa xa ndisithi ngoku sele sisekupheleni konyaka wama-2014? Oko kuthetha ukuba ngoku sele iza kuba lixesha leeholide zokuphela konyaka – ixesha lokuba sikhe siphumle kancinane xa sonwabele ukuba kunye neentsapho nabahlobo bethu, nexesha elininzi esiza kuba nalo lokufunda amabali neencwadi!

Ukuba uza kuchitha imali usonwabisa kwaye uthengela abantwana bakho izipho ngeli xesha leeholide, uze ungalibali ukubathengela nencwadi enye okanye ezimbini. Bavumele abantwana bakho bakuncedise ukukhetha iincwadi oza kuzithenga, ngokuthi nichithe intsasa nibhulusha kwivenkile ethengisa iincwadi. Bacele abantwana bakho ukuba bakhangele baze babhale uluhlu lweencwadi ezintlanu abangathanda ukuba banganazo. Thenga ubuncinane incwadi ibenye ekolu luhlu xa usiya kuthengela abantwana bakho izipho zeKrisimesi, okanye xa ufuna ukubathengela into eza kubagcina bexakekile ngexesha leeholide. Ngoku ke ubakhuthaza ukuba bafunde kwaye ubanika neeyure zolonwabo ngaxeshanye!

Nazi ezinye zeengcebiso zokuqinisekisa ukuba amabali nokufunda kuyaqhubeka ngezi holide.

- **Bhala amagama.** Iincwadi zemifanekiso ezingenamagama zibalisa ibali ngokusebenzisa nje imizobo kuphela. Zingumthombo omangalisayo wokukhuthaza ababhali aba basithi! Boleka incwadi yemifanekiso engabhalwanga magama

kwithala leencwadi lakho okanye ufumane endala nowawuyithanda ekhaya. Nika ilungu ngalinye losapho isiqwengana sephepha ukuze babhale amazwi ebali ahambelana nomfanekiso ngamnye. Emva koko zonwabiseni ngokufunda ibali ngalinye nithelekisa iindlela afana nawohluka ngazo!

- **Dlalani umdlalo wokufunda.** Landela imiyalelo ekwiphepha le-7 yokwenzela umntwana wakho ipaspothi yokufunda eza kumkhuthaza ukuba athabathe amaqalo amatsha amabali nokufunda.
- **Zama into entsha.** Bekela bucala iveki ngexesha leeholide enizakuthi ngayo nonke nifunde izinto eningaqhelanga kuzifunda. Mhlawumbi oku kungathetha ukufunda incwadi yemibongo, okanye ibhayografi yomntu othile onomdla, okanye incwadi ecacisa ngomba othile eningazi nto ngawo. Okanye, mhlawumbi ungazama ukufunda incwadi ebhalwe ngumbhali omtsha okanye ongazange wakhe wafunda incwadi ayibhalileyo. Nokuba ukhetha eyiphi na into, eli lithuba lakho lokuzinikela ekwenzeni into entsha!
- **Phulaphula amabali.** Kuthe ni ungawonwabeli amabali ngendlela eyahlukileyo nje - ngokuwaphulaphula? Phulaphula amabali akhethwe ngabakwaNalibali kunomathotholo ngamaxesha achazwe kwiphepha le-2, okanye uzikopele ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.

We will be taking a break until the week of 25 January 2015. Join us then for more Nalibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yomhla wama-25 kweyoMqungu 2015. Zibandakanye nathi ngoku ukuze ufumane imilingo yokufunda emininzi yakwaNalibali!




INSIDE
Win a R100 gift card from Jet Club!
NGAPHAKATHI
Phumelela ikhadi lesipho sokuthenga lakwa-Jet Club elixabisa i-R100!



Drive your imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebali.



It starts with a story...



Story corner

Here is the final part of the story about the promise made by the storks. Enjoy reading it aloud or retelling it.

A promise is a promise (Part 2) By Wendy Hartmann

The ostrich was delighted, and so he tried again. He ran about. He flapped his wings and practised to fly in peace and quiet, but he never left the ground. Eventually he went back to the storks. There they sat, huddled together with their feathers fluffed and their beaks shut.

"Oh dear," said the ostrich, "they look so miserable and hungry. They may be irritating, but they have to eat. I wish they could eat without all the talking."

At midday the animals had a meeting. They knew that they had only until midnight to come up with a plan.

"If the storks open their beaks now, they'll talk even more," said the tortoise.

"We have to think of a way to keep those beaks shut," mumbled the hippo.

"But they have to eat," said the ostrich ... and then he had a brilliant idea.

Just before midnight the animals gathered around the storks. "Do you want to end the spell that keeps your beaks from opening?" they asked. The storks nodded eagerly.

"Well, we can arrange that," said the ostrich, "but first, you have to make a promise, and a promise is something that can NEVER be broken." Even the storks knew that. One by one they nodded and agreed to promise whatever the ostrich asked.

The midnight owl hooted. The storks were ready to open their beaks and chatter in excitement when the ostrich stood straight. "Now," he said, "remember your promise." The storks nodded again. "You will each promise NEVER EVER to speak another word."

The storks' beaks dropped open in shock, but they had just made a promise. And, of course, they had to do what they had promised.

From that day on storks have been silent. You will still see them clacking their beaks together pretending to make a noise, but a promise is a promise and they have not broken their promise yet.

You will also still see the ostrich running at full speed, flapping his wings trying to fly. But, to this day he has never been able to. And because of their promise not to speak, the storks cannot tell him that ostriches do not fly.

Missed Part 1 of the story?
Read it at www.nalibali.org
or www.nalibali.mobi.



Illustration by Richard Mackintosh
Umfanekiso nguRichard Mackintosh

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga nesithembiso esenziwa ziingwamza. Yonwabela ukulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona.

Isithembiso sisithembiso (Inxalenye 2) Libhalwe nguWendy Hartmann

Inciniba yayivuya kakhulu, yaze yaphinda yaziqhelisa ukubhabha kwakhona. Yabaleka isiya ngapha nangapha. Yayiqhwaqhwazelisa iimpiko zayo kwaye iziqhelisa ukubhabha kwindawo ezolileyo, kodwa zange intingele phezulu, iwushiye umhlaba. Ekugqibeleni yabuyela kwiingwamza. Nazo zihleli phaya, ziqundene ngeentloko, iimpiko zazo zikhukhumele, ziquthe imilomo yazo, ivalekile vingci.

"Owu nkosi yam," yatsho inciniba, "zikhangeleka zingonwabanga kwaye zilambile. Zingade zibe ziyadika, kodwa noko kufuneka zityile. Ndinqwenela ukuba zingavele zitye nje, ngaphandle kokuthetha."

Emini emaqanda izilwanyana zabamba intlanganiso. Zazisazi ukuba ezinzulwini zobusuku kufuneka zibe sele zize necebo.

"Ukuba iingwamza zithe zayivula imilomo yazo ngoku, ziza kuthetha nangaphezulu." latsho ufudo.

"Kufuneka sicinge indlela yokuyigcina ivalekile laa milomo yazo," imbombozele yatsho imvubu.

"Kodwa kufuneka zityile," yatsho inciniba ... yaze yeza nelona lakhe lakrelekrele icebo.

Kanye phambi kokuba kubethe eyeshumi elinambini ezinzulwini zobusuku, izilwanyana zaqokelelana zahlangana zingqonge iingwamza. "Ingaba niyafuna uphele umlingo onivale imilomo?" kubuza izilwanyana. Iingwamza zanqwala ngothakazelelo.

"Kulungile ke, singakulungisa oko," yatsho inciniba, "kodwa kuqala, kufuneka nenze isithembiso, kwaye isithembiso sisivumelwano ESINGENAKUNGAFEZEKISWA." Nditsho nazo iingwamza zaziyazi loo nto. Nganye, nganye zanqwala zivuma ukuba ziyathembisa ukwenza nantoni na inciniba eziyalela ukuba ziyenze.

Isikhova sakhala. Iingwamza zazisele zilungele ukuvula imilomo yazo zincokole ngochulumanco ukuma nkqo kwenciniba isithi "Ngoku ke," yatsho, "khumbulani isithembiso senu." Iingwamza zanqwala kwakhona. "Iingwamza nganye iza kuthembisa ukuba AYISOZE KWAKHONA iphinde ithethe nelinye ilizwi."

Iingwamza zathi nkebe imilomo kukumangaliswa, kuba zazisandul' ukwenza eso sithembiso. Kwaye ke kwakunyanzelekile zisigcine isithembiso eso.

Ukususela ngaloo mini iingwamza zathula okokoko. Ungazibona zinqwakuzelisa imilomo yazo zisenza ngathi zenza ingxolo, kodwa isithembiso sisithembiso kwaye zisasiginile.

Kananjalo uya kuyibona nenciniba ibaleka ngesantya esiphezulu kakhulu, iqhwaqhwazelisa iimpiko zayo izama ukubhabha. Kodwa, kude kube namhlanje ayikakwazi ukubhabha. Kwaye, ngenxa yesithembiso iingwamza ezasenzayo sokungaphindi zithethe, azikwazi kuyixelela ukuba inciniba ezi umthetho wazo azikwazi kubhabha.

Uphosiwe yiNxalenye yoku-1 yeli bali?
Lifunde ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.

SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.


SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



UMama uSmuts wazikhuphela kweyona pleyiti yakhe intle isoseji wazibeka ekhabhathini. Wayayazi kakuhle into awayeza kuyenza ngazo. Wayeza kwenza eyona *Chakalaka* yakhe yamandi aze akugqiba anqunge isoseji azizamisele kuyo. Ngaloo ndlela yayiza kuba ngathi zimnzi kakhulu.



Mama Smuts laid out the plump, pink sausages on her prettiest plate and put them in the cupboard. She knew exactly what she would make with them. It was to be her best-ever Chakalaka and then, at the last minute, she would cut up the sausages and stir them in. That way, they would seem to go further.

There was such excitement when Papa Smuts told Mama Smuts, Sammie and Frikkie about his lucky day. It was as if he had brought home treasure and, in a way, he had. Kwabakho uchulumanco olukhulu xa uTata uSmuts axela uMama uSmuts, uSammie noFrikkie malunga nosuku lwakhe lwethamsanga. Kwakungathi uze nobutyebi ekhaya kwaye ke ngokwenene wayeze nabo, ngenye indlela.



The feast



Isidlo

Jude Daly
Jiggs Snaddon-Wood



This story was specially created for Nal'ibali – a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information on reading to your children, reading club ideas, downloadable resources and stories in a range of South African languages, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

Eli bali libhalelwe ngokukodwa uNal'ibali – iphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ngokufundela abantwana bakho, iingcebiso ngeklabhu yokufunda, imithombo onokuzikopela yona kunye namabali abhalwe ngeelwimi ezohlukileyo zaseMzantsi Afrika, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.



“Kungani!” kubuza uMatiya, “xa uhlala enye into eyohlukileyo ugoduke nayo, into efana nesoseji? Ayinakuba yinto emandi na leyo? UTata uSmuts wacinga umzuzwana, kodwa yaba ngumzuzwana nje kuphela kuba isoseji zazikhangeleka zimandi ngokwene! Ngoko ke, uMatiya noTata uSmuts batshintshiselana waze uTata uSmuts wakhawuleza ukugoduka.

Papa Smuts hurried on home. good! So Maria and Papa Smuts did a swap and for a moment because the sausages did look

moment, but only thought for a Papa Smuts be a real treat? Now wouldn't that these sausages? something like different home, took something Maria, “you “What if,” asked



Papa Smuts was a fisherman. But, fish were not as plentiful as they used to be and some days he came home empty-handed. Then poor Papa Smuts would feel really downhearted.

UTata uSmuts wayengumlobi. Kodwa, iintlanzi zazingeninzanga njengokuba kwakunjalo kudala kwaye ngezinye iimini wayekhe abuye nelize. Xa kunjalo, isi-aram esinguTata uSmuts sasiye sizive sikhathazeke kakhulu.

UMama uSmuts wanqunqa, esika izilayi, wacukuceza, eqhola, encediswa nguSannie noFrikkie.



Mama Smuts chopped and sliced, diced and spiced, with the help of Sannie and Frikkie.

But then she thought, “Sausages for breakfast. What a treat!”



Kodwa wabuya wacinga, “Isoseji sisidlo sakusasa. Kuza kuba mnandi kakhulu!”

Emva koko, lo gama uMama uSmuts wayesongeza intwana yale aze agalele kakhulu leya, uSannie noFrikkie bancedisa uTata uSmuts ukulungiselela isidlo sangokuhlwa tafle ngokukha intyatyambo zokuyihombisa.



Then, while Mama Smuts added a little bit of this and quite a lot of that, Sannie and Frikkie helped Papa Smuts set the table and pick a bunch of wild flowers to go on it.



Mama Smuts went quietly over to the kitchen cupboard. She covered up the plump, pink sausages and wondered how she could possibly have forgotten them.

UMama uSmuts waya ekhabhathini esekhithshini ngokukhawuleza. Wazigquma ezo soseji zipinki ziqumqum, wabe emangalisiwe ukuba uzilibele njani ukuzizamisela kwiChakalaka yakhe.

Wathi xa uTata uSmuts edlula esitendini sikaMatiya, uMatiya wambuza esithi, “Ungandibiza malini ngaloo ntlanzi?” “Uxolo Matiya,” watsho uTata uSmuts, “Je yeyesidlo sethu sangokuhlwa.”



As Papa Smuts passed Maria’s farm stall, she called out, “How much for the fish?” “Sorry, Maria,” said Papa Smuts, “but this one is for our dinner.”

Wathengisa ezine waza enye wayigcina ukuze agoduke nayo khon’ ukuze ilungiselelwe isidlo sangokuhlwa.



One lucky day, Papa Smuts caught five fish. He sold four and kept one to take home for dinner. Ngenye imini yehamsanga, uTata uSmuts wabambisa iintlanzi ezintlanu. Wathengisa ezine waza enye wayigcina ukuze agoduke nayo khon’ ukuze ilungiselelwe isidlo sangokuhlwa.



That’s when Mama Smuts would give him a big hug and say, “We’ll make ends meet.” And Sannie and Frikkie would add, “We always do, Papa.” And somehow they always did because ...

Xa kunjalo uMama uSmuts wayeye amange aze athi, “Kuza kulunga, soze silale singatyanga.” USannie noFrikkie babeye bongeze ngelithi, “Icebo liyazakha Tata, zange silale singatyanga.” Ngokwenene kwakusoloko kunjalo kuba ...

Kwaye akukho namnye, nditsho omnye nje kuphela, owayekwazi ukugqula ezona tumato zibomvu, iipepile eziluhlaza, iminqathe ekram kram kunye nekhaphetshu eligramgram zibe sisidlo esimnandi ukodlula uMama uSmuts, encediswa nguSannie noFrikkie!



And no one, absolutely no one, could turn the reddest tomatoes, the greenest peppers, the crunchiest carrots and the crispiest cabbage into a more scrumptious meal than Mama Smuts, with the help of Sannie and Frikkie!



... no one could grow redder tomatoes, greener peppers, crunchier carrots and crispier cabbage than Papa Smuts, with the help of Sannie and Frikkie.

... akukho namnye owayelima iitumato ezibomvu, iipepile eziluhlaza, iminqathe ekramkram kunye nekhaphetshu eligramgram ukodlula uTata uSmuts, encediswa nguSannie noFrikkie.

Waze, "Ah mh, ah, mh!"
 watsho uTata uSmuts.
 "Andikhangela ndicingele ukuba inokwenzeka, kodwa le iChakalaka yeyona ingcono kunowakha wazenza. Ezaa soseji zenze umahluko omkhulu!"



And, "My, oh my... oh my!" said Papa Smuts. "I did not think it was possible, but this Chakalaka is better than your best. Those sausages made all the difference!"

Ekugqibeleni lafika ixesha lesidlo. Esinjani sona!



And then, at last, it was dinner time. And what a dinner! "Mmm!" said Sannie. "Mmm, mmm!" said Frikkie. Ekugqibeleni lafika ixesha lesidlo. Esinjani sona!

Mama Smuts said nothing. But, if Papa Smuts, Sannie and Frikkie had not been so busy tucking into seconds, they might have heard her let out a little gasp.

UMama uSmuts zange athethe. Kodwa, ukuba uTata uSmuts, uSannie noFrikkie babengaxakekanga besitya ukutya abazongeze kona ngebabemvile xa wayesenza isingqala.



My holiday reading passport Ipaspothi yokufunda yam yexesha leeholide

Name/Igama:

FOLD 2



How to use this passport

1. Try each of the reading challenges.
2. Colour in the stamp once you have completed a challenge.
3. Write down the books you read and rate them on the holiday reading log on pages 6 and 7. These could be books you read as part of the challenges or other books you read during the holidays.

Indlela yokusebenzisa le paspothi

1. Zama ukufezekisa umngeni ngamnye.
2. Faka umbala kwisitampu xa uvugqibile umngeni ngamnye.
3. Bhala phantsi iincwadi ozifundileyo uze uzinike amanqaku kuluhlu lweencwadi ozifundileyo ngexesha leeholide, olukwiphepha le-6 nele-7. Ezi isenokuba ziincwadi ozifunde njengexalenye yemingeni okanye ezinye iincwadi ozifunde ngexesha leeholide.



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa nokuvuselela umdla eabantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkuakacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi

FOLD 1

Challenge 5
Hope likes stories about everyday life – especially stories about groups of friends and stories that take place at school! Can you find a story that has friends in it and had something to do with going to school? Enjoy reading it!



Umngeni wesit-5
UHope ufunda amabali angobomi bemihla ngenhla – ngakumbi amabali amalunga namqela abahlabo kwakunye namabali ezeka esikolweni! Ungalifumana kusini na ibali elibalisa ngabahlabo kwaye ilbe nento yokwenza nokuhlanjwa kwesikolo? Yonwabela ukufunda!



Challenge 6
Bella often imagines that she is a character from one of the stories she has read. Once she imagined that she was flying on a magic carpet with Noodle! What is your favourite story? Read this story and then draw a picture of yourself as the main character in it.



Umngeni wesit-6
Ubella udla ngokuba nomfanekiso-nlelekelelo wokuba ngumlinganiswa kwamanye amabali awafundileyo. Ngenye imini wakhe wanomfanekiso-nlelekelelo wakhe ehlolwa ekhwele kwikhophethi yomlingo noNoodle! Lelighi elona bali ulihandayo? Ufunde abo bali uze uzobe umfanekiso wakho ungumlinganiswa ophanhlili kulo.




Challenge 7
Josh wants to be a pilot when he grows up and so he spends a lot of time reading about aeroplanes. Find an information book on a topic that interests you and enjoy learning more about this topic as you read!



Umngeni wesit-7
UJosh ufuna ukuba ngumqhubi weengqwelomoya xa emdida kwaye ke ngoko usebenzisa ixesha lakhe elininzi efunda ngeengqwelomoya. Fumana incwadi eneentkukacha ngomba onomdla kuwo uze wonwabele ukufunda ngqphenzulu ngaplo mbo!



Challenge 8
Josh often reads to Neo and Bella. Choose a book you enjoy and find someone to read it to. (If the book is a novel, you might want to choose one or two chapters to read!)



Umngeni wesit-8
UJosh udla ngokufunda ukho nobella. Kheha incwadi oyonwabeleyo uze ukhangele umntu onokufundela yena. Ukuba incwadi leyo yinovele, ungkhefitha isahluko esinye okanye ezibini uze ufunde zondi!



A holiday reading passport!



During the school holidays, our families' daily routines are often different. Although there is more time to spend on leisure activities, sometimes we can find ourselves spending less time reading regularly with our children. Children learn to read by reading – and they get better at it the more they do it. So, in fact, the holidays are a great time for children to catch up on their reading. Make sure your kids stay on track during these long end-of-year holidays with the Nal'ibali holiday reading passport.

Get going

Follow these steps to help your child create their own reading passport.

1. Cut out the top half of this page.
2. Fold along the purple line.
3. Now fold along the green line.
4. Cut along the red line and trim the edges. Now the passport is ready to use!
5. Let your child try the eight reading challenges on pages 2 to 5 of the passport. There is a stamp next to each one which they can colour in once they have completed the challenge.
6. Let your child write down the names of the books they read during the holidays and rate them on the holiday reading log on pages 6 and 7 of the passport.

Don't forget that we will be taking a break until the week of 25 January 2015. Enjoy the holidays, and join us again in 2015 for more Nal'ibali reading magic! In the meantime, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi to find stories and reading-for-enjoyment inspiration.



Ungalibali ukuba siza kuthatha ikhefu kude kube yiveki yomhla wama-25 kweyoMqungu wama-2015. Yonwabela iiholide zokulawka kwesikolo, uze uzibandakanye nathi kwakhona kowama-2015 ufumane umlingo wokufunda wakwaNal'ibali ongaphezulu. Okwalo mzuzu, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi ufumane amabali onokuwafundela ukuzonwabisa nokuzivuselela.

Challenge 2
Belia likes stories about animals. Do you have a favourite story about animals? Read it again, or find a new story about animals to read.

Umngeni west-2

Ubella uthanda amabali angeziwaryana. Ingaba unca ibali olifanda kakhulu elingeziwaryano? Phinda ulifunde, okanye ufune elinye elisha elingeziwaryana, ulifunde.



The challenges/Imingeni

Challenge 1

Neo loves playing soccer, so he enjoys soccer stories. Read a story about someone who has the same hobby as you or who enjoys playing the same sport as you.

Umngeni woku-1

UNeo uyokufunda ukudlala isoka, ngoko ke womwabela amabali angesaka. Funda ibali elinolungo nomnye umntu othanda ukwenza into ethandwa nguwe okanye omwawabela ukudlala umdlalo owifandayo nawe.



Challenge 3

Afrika loves anything to do with inventions and he enjoys making things! Find a book which tells you how to make things – food or objects. Choose something to make and follow the instructions to make it!

Umngeni west-3


U-Afrika uthanda nantoni na enokwenza nakuyila izinto ezintsha kwaye uyakwabela ukwenza izinto! Funda incwadi ekufundisa ngendlela yokwenza izinto – ukupheka ukuya okanye ukwenza ezinye izinto. Khetha into oza kuyenza uze ulandele imiyalelo yokuyenza!

Challenge 4

Neo's favourite place to read is on his bed. Spend some time reading in your favourite place and then find a new, fun place to read!

Umngeni west-4

Eyona ndawo athanda ukufunda kuyo uNeo kusebhedini yakhe. Zinike ixesha ufundela kweyona ndawo uyifandayo yokufunda ze ufune indawo entsha, nengaqhelekanga ekunokuba mmandi ukufunda kuyo!



Uluhlu lwam lokufunda ngeholidi



★ ★ ★
Rate this book!
Nika le ncwadi amangaki!

3 = Loved it
Ndiyithande kakhulu

2 = Liked it
Ndiyithandile

1 = Just okay
Imnandi!

My holiday reading log

Author
Umbhali


Book title
Isihloko sencwadi

1.	
2.	
3.	
4.	
5.	
6.	
7.	
8.	

Know your Nal'ibali characters

Books are not the only places where we can find stories and other interesting things to read. Develop you children's reading by sharing books with them, as well as stories from the Internet and on your cellphone! Find out about the Nal'ibali character, Josh and his reading habits, then enter the competition to win a gift card from Jet!

Josh is 12 years old and lives with his father and his aunt not far from where Neo and Mbali live. He speaks Afrikaans, English and a little Sesotho. Josh loves anything to do with computers and cellphones – especially reading teen stories on his cellphone!



Bazi abalinganiswa bakho beNal'ibali

Iincwadi ayizizo kuphela iindawo esinokufumana kuzo amabali nezinye izinto esinokuba nomdla wokuzifunda. Phuhlisa ukufunda kwabantwana bakho ngokwabelana nabo ngeencwadi, kwakunye namabali avela kumnathazwe nakwiselula yakho! Funda ngomlinganiswa weNal'ibali uJosh, kunye nemikhwa yakhe yokufunda, uze ungenele ukhuphiswano ukuze uphumelele isipho sokuthenga esilikhadi lakwaJet!

UJosh uneminyaka eli-12 ubudala kwaye uhlala notata wakhe nomakazi wakhe kwikhaya lakhe elikufutshane nakuloNeo noMbali. Uthetha i-Afrikaans, isiNgesi kunye neSesotho esincinane. UJosh uthanda nantoni na enento yokwenza neekhompyutha kunye neeselula – ingakumbi ukufunda amabali abafikisayo kwiselula yakhe!

Win! Phumelela!

To stand a chance of winning one of four Jet Gift Cards worth R100 each, send us the word "Josh" plus the name of one story on the Nal'ibali mobisite. Email your answer to letters@nalibali.org, or SMS it to 32545 (standard data rates apply). Competition closes on 11 December 2014.

Ukuze ube sethubeni lokuphumelela elinye kumakhadi ezipho zokuthenga amane akwaJet naxabiso i-R100 lilinye, sithumelele igama elithi, "Josh" kunye nesihloko sebali elinye elifumaneka kwimobhisayithi yeNal'ibali. Impendulo yakho yithumele nge-imeyili ku-letters@nalibali.org okanye SMSela ku-32545 (kuhlawulwa amaxabiso amiselweyo edata). Ukhuphiswano luyaphela ngomhla we-11 kweyoMnga 2014.

Terms and conditions: To enter, you must be 16 years or older. Employees of PRAESA are not eligible to enter. **Imiqathango nemimiselo:** Ukuze ungenele ukhuphiswano, kufuneka ube neminyaka eli-16 okanye ngaphezulu. Abasebenzi bakwa-PRAESA abavumelekanga ukuba balungenelele ukhuphiswano.

Clue:
Go to www.nalibali.mobi and visit the "Stories" section to find the answer.

Umkhondo:
Yiya ku-www.nalibali.mobi undwendwele icandelo elithi "Stories" ufumane impendulo.



Jet Club



Drive your imagination

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

Sunday World